## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO)**

**'UMLAMBO' – N Thuthani**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kulo mbongo imbongi isebenzise izafobe ukusityhilela ukuba umlambo unamacala amabini. Oko kukuthi unecala elihle necala ilibi.

- Kwisitanza sokuqala esona safobe siqaqambileyo sisikweko. 'Ngumnyobo ...' Imbongi isinika umfanekiso-ngqondweni wendlela umlambo onesidima nobukeka ngayo oko kutsho ubuhle bawo. Icala elibi lomlambo imbongi iliqaqambise ngezi zikweko zilandelayo. 'Isilo ...' Imbongi iphuhlisa ukuba umlambo yinto enobungozi neyoyikekayo. Iphinda ithi umlambo 'Yintlwathi ...' ukuqaqambisa uluvo lokuba umlambo ubunyokarha ngenxa yobungozi bawo kuluntu, kwizilwanyana nakwindalo ngokubanzi. Ukhulisa uluvo lobungozi bomlambo ngokusebenzisa '... yinyok' ebimbilizayo'.
- Kwisitanza sesibini imbongi iwuphuhlisa umxholo ngokusebenzisa isafobe isimntwiso. Ngesi safobe ikhuthaza ukuba umlambo uqhubeleke nohambo lwawo nokuba uhamba udibana nezinto ngezinto endleleni. Imbongi isixelela ukuba umlambo wakufika elwandle kufuneka uchaze ngohambo lwawo ngokunga ngumntu. Kwakhona imbongi isebenzisa isifaniso '… njengetshivela' ukukhuthaza ukuya phambili komlambo. Imbongi ikhuthaza ukuba umlambo wenze ngokufanelekileyo xa isithi '... iliso ezintabeni likujongile ...'. Ukubonisa ubunyulu nobungozi bomlambo imbongi ithi 'watyekeza loo mabibi ...' ukuphuhlisa ukuba umlambo uzikhuphela ngaphandle izinto ezingafanelekanga nto leyo ethi iveze icala elibi lomlambo.
- Imbongi kwisitanza sesithathu ikwasebenzise isafobe esiqaqambileyo isimntwiso xa ikhuthaza indlela omawenze ngokufanelekiyo ngayo umlambo. Ukuqaqambisa ubunyulu isebenzise isikweko ulizulu. Imbongi isebenzise igama 'ukuchila' ukuphuhlisa ukuba ulwandle aludibani nezinto ezimdaka. Imbongi isebenzise uchasaniso ukubonisa ukuba umlambo ubizwa ngokuba sisigebenga kodwa imbongi iphinde ithi wakusithela iza kuwukhumbula. Oku kuphuhlisa ukuba abantu banqwenela ukuzilibala izinto ezimbi ezenziwe ngumlambo bakhumbele izinto ezintle kuphela. Uyawuqaqambisa kwakhona lo mxholo wecala elihle lomlambo ngokusebenzia isikweko 'ulizulu'.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)** **[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'IMBONGI YESIZWE, uS.E.K MQHAYI' – JJR Jolobe**

2.1 Ngumbuzo-buciko.√ (1)

2.2 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso womntu ozambathisa azijije ngomnweba okanye ngengubo.√√ (2)

2.3 Yimbongi yomthonyama√/imbongi yenkundla.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.4 Kutyhila ukuba olu didi lwesihobe sisibongo√/kutyhila ukuba imbongi ayicwangcisanga phambi kokuba ibonge √/ngumbongo wembongi yomthonyama okanye yenkundla.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.5 Usiba lunomda kwiZwi laBantu kwaneMvo√/Umqolo we-16.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.6 Iphuhlisa ukuba uMqhayi akuba ebhubhile umzimba wakhe uya kubekwa phantsi kweNtabozuko.√√ (2)

2.7 Imbongi idlulisa umyalezo wokuba okaMqhayi ubenegalelo elikhulu ekubhalweni kwesiXhosa kumaPhephandaba nakwiincwadi.√√ (2)

**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**'UNKOSANA "THE HAPPYBOY" MGXAJI' – N Thuthani**

3.1 Kukubonisa isantya umbongo okuso√/Kukubonisa undindwano lombongo.√/ Kukubonisa isingqisho. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.2 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba usityhilela indlela okaMgxaji atshambaza ngayo enokuzithemba xa eseqongeni.√ (2)

3.3 Sisifaniso.√ (1)

3.4 Ithetha ukuba uMgxaji uzibhidile ezaseMelika wazibetha kwashiyeka kubuhlungu umzimba azakwazi kwenza nto.√ (1)

3.5 Yimvano-siqalo.√ / Luphinda-phindo.√ (1)

3.6 Izifanekisozwi zisinika umfanekiso ocacileyo ngendlela awayehlasela ngayo ngokukhawulezileyo okaMgxaji xa edibene nenye imbethi-manqindi.√√ (2)

3.7 Umongo ungesakhono nokubalasela kukaMgxaji kwezamanqindi.√√ (2)

**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## 'APHI NA AMADODA!' – M Mbuthuma

4.1 Kukubonisa isantya umbongo okuso√/Kukubonisa undindwano lombongo.√/ Kukubonisa isingqisho. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Imbongi ithi abantu mabaphakame balugqithise amafu utshaba lungade √ luncediswe nangabanye√√/Ithi utshaba malubulawe kungekabikho ziphumo okanye yendele ingxaki.√√ (2)

4.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba ibonisa indlela le nyoka eza ngayo yonwabile ingenaxhala lakuphazanyiswa kwinjongo yayo.√ (2)

4.4 Isimntwiso.√ (1)

4.5 Imbongi imemelela ukuba abantu mabavule amehlo kuba kukho ubungozi.√√ (2)

4.6 Imbongi ikhathazekile√/Ayonwabanga.√ / Inxunguphele√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.7 Injongo kukubethelela unxunguphalo enalo imbongi ngenxa yokonakala kwezinto elizweni layo.√ (1)
**[10]**

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## 'ISIKHUTHALI' – LS Ngcangata

5.1 Injongo kukuqaqambisa umntu ozinikelayo emsebenzini awenzayo.√ (1)

5.2 Kukubonisa undindwano√/Kukubonisa isantya umbongo esikuwo.√/ Kukubonisa isingqisho.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.3 Isitanza ngasinye sinemiqolo emine√/Imiqolo yezitanza iyalingana.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.4 Ngumbongo ochazayo√ kuba imbongi isicacisela isinika umfanekiso ngqondweni womntu okhutheleyo.√ (2)

5.5 Isikhuthali sihlala sonwabile ngalo lonke ixesha, sidlamkile kwaye umsebenzi waso uyancomeka.√√ (2)

5.6 Imvano-siqalo.√/Uphinda-phindo.√ (1)

5.7 Imbongi isifundisa ukuba xa ukhuthele uyavuna√√/Ukukhuthala kunembuyekezo√√/Ukukhuthala kuza nezinto ezintle.√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

## UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## *NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Inkcazo yempixano neendidi zayo
  - Impixano lukruthakruthwano lwabalinganiswa oluthi lubekho ebalini lubangelwa kukungqubana kwezimvo okanye iimbono zabo. Impixano iindidi mbini, kukho impixano yangaphandle nempixano yangaphakathi. Impixano yangaphakathi iba phakathi komlinganiswa nesiqu sakhe nto leyo eyenza ukuba loo mlinganiswa anxunguphale angabi nakonwaba emphefumlweni wakhe. Impixano yangaphandle iyabonakala kuba inokuba phakathi komntu nomnye umntu okanye phakathi kwamaqela abantu. Kwakhona isenokuba phakathi komntu nezinto ezimngqongileyo kwintlalo yakhe. Umzekelo amasiko nezithethe, iinkolo nezinye izinto zobuzwe.

- Impixano yangaphakathi kuThole
  - Olu didi lwempixano luphuhla akuba uThole elahlekelwe nguyise engamazi apho wabheka khona. Loo nto yawenza wakhathazeka ngakumbi umphefumlo wakhe kuba wayengakwazi ukufumana iimfuno zesikolo. Waphetha esiyeka isikolo kwaye engazi ukuba uya kuze aqhubele phambili njani nezifundo zakhe.
  - Kwakhona le mpixano iphuhla ngexesha uMangaliso esiva ubuhlungu bokuba athi sele efikile edolophini yakokwabo angakwazi ukuya kufika kubazali bakhe ngenxa yabahlobo bakhe bemhambisa ngenkani ukuya eBhayi. Iphuhla ngakumbi akuba esezwa utywala nguThemba owasuka wahlabelela encoma amandla otywala ababebusela. Uzifumana ephakathi kwabahlobo ababi abamnika utywala angabufuniyo. Emva kokubusela uyalila ngenxa yokukhathazeka nokushiya ikhaya engaxelanga.
  - Xa eza kungena kuloo Nomsa weva amazwi entshumayelo yomfo wakwaSigxabhayi, wabethwa luvalo, wacinga, yakho ingqondo ethi makangabi sangena.
  - Ngexesha uThole ejongene nengqumbo kaJoe neqela lakhe wabonakala enxunguphele emphefumlweni kuba wayeqonda ukuba ubomi bakhe babuphakathi kwenyama nozipho. Ngenxa yokuxakwa wenza umthandazo nezithembiso kuMdali wakhe kuba ekubona ukufa kumkhweba. Kuloo meko wasindiswa ngamapolisa kwezo zihange kodwa wahlala enoloyiko lokuba zingaphinde zibuye zize kumbulala yiyo loo nto wayehlala ezivalele ngendlu. Isigqibo awasithathayo sokuba abuyele kokwabo awuncame umsebenzi yayingeso sigqibo silula kuye.
  - Amasikizi okubona abahlobo bakhe beqwengwa ziingonyama naye engazi ukuba angazisindisa njani emilonyeni yazo ehlathini eKnysna, ayiphehluzelisa ingqondo yakhe.
  - Waba nempixano ngakumbi yakuba ingonyama ilele phantsi komthi awayekhwele kuwo kuba wayengazi ukuba uza kusinda njani.

- Amaphupha amabi neentshumayelo eKnysna amenza waba nempixano yangaphakathi kuba kwakungekho lula ukulishiya elo njengoko enye ingqondo yakhe yayithi makagoduke ukuze aphindele esikolweni.
- Indlela awayebona bejolise ngayo kuye amehlo abafundi kwinkonzo eyayisesikolweni, kwakungathi bathi abhekiswa kuwe la mazwi 'udukiselani na'. Amehlo kaMfu. uMaqoma ayegqobhozela kuye ange amgqogqa ngaphakathi embuza ukuba uhlalele ntoni. UThole wazamazamana neengcinga zakhe enempixano ngokuthatha isigqibo, wakhumbula isenzo somfundisi owangenelela phakathi kwabantwana besikolo abalwayo – apho waba namazwi awawathethayo yena Thole 'Nam ndakuba mdala ndiya kuba nje ngalo mntu'. Uthi eza kuphakama akhumbule ukuba makangazinikeli ebufundisini kuba ebona abanye abantu. Unexhala lamasikizi enziwa ngabefundisi ekungathi kanti zange babizwe.
- KwiSinodi eRhawutini olu didi lwempixano luyavela kuba kwakungekho lula ukuba uMangaliso athabathe isigqibo sokuya kuba ngumfundisi eGeorge Goch kuba abafundisi abanamava babeyikhaba ngawo omane into yokuya apho. Emva kokuzikisa ukucinga wafikelela kwisigqibo sokuba kulapho aya khona nokuba imeko ithini na kuba wavakala esithi 'Thuma mna Bawo'.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM!*** **– WK Tamsanqa**

7.1 YiGamtoos River.√ (1)

7.2 Lolusuka eGcuwa besingise eBhayi.√ (1)

7.3 Kungokuba waphantse wabulawa liqela lemigewu kaJoe.√√ (2)

7.4 Sesi sokuzibona sele eseBhayi engakhange acinge√√/sesokuqweqwediswa nguSonwabo noThemba wazibona eseBhayi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.5 USonwabo noThemba babonakala beyazi indawo ekuyiwa kuyo kodwa abafuni kumxelela uThole.√√/USonwabo noThemba babonakala beyazi le ntlondi iqhubekayo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.6 Eyona njongo yakhe yayikukubuyela esikolweni.√ / Wayefuna ukubuyela kokwabo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

7.7 Isimilo√ ukufunda√ imidlalo.√ (3)

7.8 Lityhila ixesha langoku.√ (1)

7.9 Amapolisa acinga ukuba makamchwechwise amthubelezise emke engabonwanga.√√ / Kwasetyenziswa umboko kuxelelwa izihlwele ukuba mazimlandele ziye e-Albert Street ecaweni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.10 Kukuba uThozama wayelangazelela ukubona isinqandamathe sakhe.√ UThozama kwakukudala wamgqibela uThole.√ (2)

7.11 Kwinqanaba lokuyondelelana kwebali√/Kwinqanaba lokujiya kwebali√ kuba iziganeko zebali ziya zikhula ngokukhula.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.12 Kwangxwelerheka abantu abanye basweleka ngenxa yokunyathelana.√√ (2)

7.13 UThozama uqale ngokumhoya engaphilanga ecaweni wamsa endlwini yakhe, waphawula ukufana kukaThole noyise uMkwayi waqaphela umkhango nesiva esisebusweni bukaMkwayi ezifana nqwa nezikaThole.√√ (2)

7.14 Ifundisa ukuba nokuba ukhulele kwiimeko ezinjani loo nto ayithethi ukuba akunakuphumelela ebomini.√√ / Imfundo ayikhulelwa.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Inkcazo yempixano neendidi zayo
  - Impixano lukruthakruthwano lwabalinganiswa oluthi lubekho ebalini lubangelwa kukungqubana kwezimvo okanye iimbono zabo. Kukho impixano yangaphandle nempixano yangaphakathi. Impixano yangaphakathi iba phakathi komlinganiswa nesiqu sakhe nto leyo eyenza ukuba anxunguphale angabi nakonwaba emphefumlweni wakhe. Impixano yangaphandle inokuba phakathi komntu nomnye umntu okanye phakathi kwamaqela abantu. Isenokuba phakathi komntu nezinto ezimngqongileyo kwintlalo yakhe. Umzekelo amasiko nezithethe, iinkolo nezinye izinto zobuzwe.

- Impixano yangaphakathi kuMfazwe
  - Olu didi lwempixano lubonakala kuMfazwe xa ezokuthathwa ngamapolisa ngobusuku engaboni sizathu sokuba ubanjelwa ntoni. Le nto imbangele ukuba uMfazwe abe nempixano yangaphakathi kuba kuye njengomhlohli wezeMbali kwakulula ukuba umlomo usindwe yimpumlo engaboni nto ityhulu. Oku kubanjelwa isizathu angasaziyo kumvuselela iingcinga ngezinto ebezixelelwa ngabazali bakhe, ootitshala ahlohla nabo noNokuzola bemlumkisa ngengxaki anokuzibona ekuyo. Oku kungqinwa ziintetho ezaziphithana engqondweni yakhe ezinjengezi 'ungaleqi endala uba lithole, Mfo wam amaBhulu anzima'.
  - Iyakhula impixano phakathi kwakhe nesiqu sakhe xa evalelwe entolongweni. Le nto yokuvalelwa kwakhe yayimenza umsindo erhalela ukubona nabani na anokumnikela umsebenzi wabantwana bakhe besikolo ngelixa yena eseluvalelweni.
  - Unempixano yangaphakathi ngakumbi amapolisa xa emcela ukuba abe ngungcothoza. Uyothuka xa emxelela ukuba abantu abafana noNtsipho noNdlela bakule ndlela. Wagqushalaza ngumsindo kwatsho kwavuselela ingcinga yokuba kanti aba bantu baxatyiswe kangaka ngabahlali bathengisa ngegazi labantu.
  - Amapolisa amsa kwesinye isikhululo eRhini amvalela nenja emgqume ngengxowa enuka umchamo. Amapolisa ngaphambili anentsini onwabile iveni iyaphaphatheka ukubaleka oku. Akungazazi ukuba uza kuphelela phi kule ndlela wenza umthandazo omncinci enqwenela ukuba loo veni ngasuke iwe babhubhe bonke yena ezibona esiya eZulwini amapolisa esiya kwamtyholi ngenxa yomsebenzi wawo omdaka.
  - Ukufika kwakhe evela eluvalelweni iye yamkhathaza into yokubuzwa ngutat' uGaba ukuba ungungcothoza le nto yenze kwanzima ukuphuma kwamazwi emqaleni. Ukanti noCwe xa wayeye kukhangela uNokuzola osisithandwa sakhe umxelele ngale nto inye yokungcothoza nalapho akabi nazwi lakuphendula. Iyamothusa into yokuxelelwa nguCwe ukuba uNokuzola uhambe noFriday ukuya entlanganisweni. Imothusa ngakumbi kuba imisebenzi yabo ayidibananga uFriday ngunoposi ngelixa uZo engunesi.

- Akuxwaxwa eholweni ubalekela emangcwabeni apho zimphehluzelise khona iingcinga eqalekisa polisa, Friday, Nokuzola nabantu bendawo yakhe uQaka ngokumgabha okwetyhefu.
- Uthathe ebeka akubona indlu yakokwabo iluthuthu kuba iintonga zakhe ebezibethe zaphelela eliphucula. Ikhwelo likatat' uGaba lokuba makaxole lalingafumani ndawo yakuhlala entliziyweni yakhe.
- Kwakhona uMfazwe uthatha ebeka ngokuya emngcwabeni kaMachule noKK kodwa ekugqibeleni uzixelela ukuba kulapho aya khona uxolele nantoni na enokuthi ihle.
- Isiganeko sokufika kukaMfazwe enqongo ligazi sinyanzelise ukuba uMfundisi uHlathi athi uMfazwe makabhace. Engqondweni kaMfazwe ngoko nangoko wawaphethuphethula amazwi kaMfundisi engaziboni esiya apho, ekhetha ukuba abanjwe. Kuloliwe oya eThongo emva kokubethethabethana kweengcinga uMfazwe ufikelela kwisigqibo sokuba aziphose ebumnyameni endaweni yokuba lixhoba loonongqayi.
- Akuba efumene uncedo kumzingeli zikhe zabethabethana iingcinga kodwa ngenxa yolwazi ngamayeza wabe uyawathatha.
- Ukubuza kukamzingeli ngonyana wodade wabo oselubhacweni kudala impixano yangaphakathi kuMfazwe kuba eyazi ukuba izidumbu zabo azaziwa apho zingcwatyelwe khona. Ukufika kungasekho bantu kuQaka abazali bakhe babhubha kuyidala ngakumbi impixano ngaphakathi kuye.

**[25]**

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

9.1 UMfazwe uthi efika kokwabo afike sele enuka umzondo kuba amapolisa etyale umoya wokuba uyimpimpi.√√ (2)

9.2 Kungcwatywa uKK,uMachule kunye nenye intwazana.√√/Kusweleke amagorha omzabalazo ebulawa ngamabhulu ngenxa yemo yezopolitiko.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.3 Lunxunguphalo ngenxa yemeko yezopolitiko egqubayo.√√ (2)

9.4 Ngumqondiso weziganeko ezingekho zihle eziza kwenzeka ngale mini.√√ (2)

9.5 Kukuba wayengamkelekanga kubahlali bakuQaka ebonwa njengempimpi√√/ Utshiselwe ikhaya lakhe akanandawo yokufihla intloko.√√/Wayesindisa ubomi bakhe kuFriday namahlakani akhe njengoko kwakucaca ukuba bamfuna efile.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.6 Into eyamothusayo kukujweda kwamagxiya namagiyogiyo entla kwakhe nokubona inja eyayidlavulana nento ekhule yagqiba yenyoka.√√ (2)

9.7 Uya eMgazi√/Usendleleni eya eMgazi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

9.8 Kukumxhobisa ngamayeza athi aluncedo endleleni yakhe yaselubhacweni.√√/ Kukumxhobisa ngamafutha okuzikhusela kwiinyoka, amafele eenyoka, umqwayito√√/mlumkisa ngeendlela ezinobungozi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.9 Kwinqanaba lokuyondelelana kwebali√/lokujiya kwebali√ kuba iziganeko zebali ziyakhula ngokukhula.√ (2)

9.10 ... amathunzi aqalayo ukukekela.√ (1)

9.11 Abantu abamnyama bakwazi ukuba ngabamelwane nabaMhlophe√/
Abantwana bafunda nakusiphi na isikolo azikhethele sona√ / Umntwana kaMfazwe nokaMeva bakwazi ukwakha ubuhlobo beziintlanga ezahlukeneyo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

9.12 Wayelipolisa.√ (1)

9.13 UKhonjwayo walwa noMfazwe waze wonzakaliswa nguye wabe uligeza.√√/
Waxabana noMfazwe waze wamqwaba ngempama.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.14 Imfundiso yeyokuba akulunganga ukuthengisa ngenyaniso√/
Inyaniso iyagqibela√/ukuleqa inzuzo yethutyana kungamfaka engxakini umntu√/
ukuzixhasa: kuba uFriday zimhambele kakuhle izinto okwethutyana de wabe uyabonwa ukuba uyimpimpi.√ UFriday uphela esematyaleni njengomnye wabantu ababulala, babulalisa abantu ababelwela inkululeko.√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## *AMAZA* – ZS Qangule

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Liyinene ukuba abalinganiswa abathile baguquke izimilo zabo ngenxa yokutshintsha kwamaxesha nokudlelelelwa kwabo ekuxhamleni amalungelo abo. Oku kuthe kwaneziphumo ezibi kulo mdlalo.
- UDanile wendisela uNamhla kuSidima njengoko yayiluxanduva lwakhe ukwenza oko njengomzali. Oku uNamhla ukukhaba ngawo omane ngenxa yexesha aphila kulo. Kuye oku kubonakalisa ukuba ulivinjiwe ilungelo lokuzikhethela umntu anqwenela ukwabelana naye ngobomi.
- UNamhla ubonakalisa ukuwuchasa lo mtshato ngokuthi abe nomsindo, ukunxunguphala kwanokuxheleka emoyeni. Ubonakala engqunga endlwini yakhe yokulala kokwabo, uthi esemnyango abe esefesitileni.
  Mve xa athi, 'Yena lo vunxu usisizothezothe!
  Ngahle uphele loo mtshatwana iluthuthu. ...
  (Nezinye iintetho ezibonisa ukukhathazeka azisebenzisileyo)
- ULizo ufika entangeni kaNamhla kwaDanile amfake umsesane ukubonisa ukuba uyamthanda ekwambanga ukuba ngowakhe nangona kokwabo enyanzeliswa ngoSidima. Kucaca mhlophe ukuba uNamhla yena uzithandela uLizo Vaxa.
- Ngokwenkcubeko yethu kulindeleke ukuba intombi esele ilotyolwa ichule ukunyathela kuba ngumfazi wamaThile lowo. Sibona uNamhla evulela entangeni ndoda yimbi de wabhaqwa emhokamhokana nayo. Esi senzo sibonisa ukulwa nokunyhashwa kwelungelo lakhe lokuzikhethela umntu amthandayo.
- UDanile uyavutha ngumsindo kuba ebona uNamhla noLizo bethandana entangeni kaNamhla. Esi senzo sibonakalisa ukudlelelelwa kwelungelo lakhe njengomzali owendisayo nosabambelele kumasiko nezithethe zakwaNtu.
- Uthi akungaboni ngasonye noNamhla uDanile abhenele kumaBhele ngokubanzi ngethemba lokubuyisela ilungelo nesidima sakhe sobuzali. Idale umnqa into yokuba amaBhele angaboni ngasonye kulo mba bambi bexhasa uNamhla. Oku kwenziwa kukutshintsha kwamaxesha.
- Ukungawufuni kwakhe lo mtshato uNamhla ukubonakalisa ngethuba sele etshatiswe ngenkani noSidima. Oku ukubonisa ngeentetho zakhe kuSidima ngobusuku ekwakuza kusa ebuyela eRhawutini.
- Mve xa athi, 'ngelingagwegweleziyo, nangantyuntyiyo ndithi ndikhulule, ndilibale.'
- USidima naye ube lixhoba lokutshintsha kwamaxesha ngokubonelwa umfazi.
- UNamhla uthandana phandle noLizo akabakhathalelanga abantu bomzi wakhe ngakumbi uninazala uMaNdaba ubonakale njengomntu ongenambeko.
- Ukhaba ngawo omane kwakuthethwa ngesiko lokungenwa kuba ebhujelwe yindoda. Oku kubonisa ukutshintsha kwamaxesha. UNamhla njengomntu weli xesha akakhange ayizilele ngendlela eyiyo indoda yakhe wakhetha ukumitha ezilile.

- ULizo naye ubonelwa umfazi ngokwenkcubeko yakwaNtu ngabazali bakhe. Akayingeni leyo uLizo ufuna intombi esenyongweni kuye ukubonisa ukutshintsha kwamaxesha. Oku kudala intiyo phakathi kukaLizo noZodwa Zazile ongumkakhe loo nto ingqinwa yindlela uLizo athetha ngayo noZodwa emxelela ngobuxelegu nangokungazikhathaleli etsho esithi uyinkosikazi yamaQwathi, amnike uphuma-phele emzini wakhe.
- UZodwa ubalekela kuSidima onguyise womntwana wakhe uXelisa othe ngenxa yokukhulelwa wendiselwa kuLizo naye Zodwa ongazange wathandana naye.
- Baxolele ukujinga iliso uLizo noNamhla kunokuba bayeke ukuthandana kuba bakholisa iziqu zabo kuba bamele eli xesha lanamhlanje.
- Oku kutshintsha kwamaxesha kube ngunozala wokusweleka kukaZodwa waseBhayi noSidima ngabula bona eneneni inguDuma iwele likaSidima. Nangona bezama kangako ukulwela amalungelo abo okuzikhethela abawavinjiweyo uNamhla noLizo abazange bade baphumelela.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

11.1 Sincokola kwaVaxa√ / Kwindlu kaLizo noZodwa√.

(Nayiphi na kwezi) (1)

11.2 Kukutshatiswa kwesi sibini kungekho thando√√ / Kungokuba uLizo akamthandi uZodwa umbona njengenkosikazi yamaQwathi.√√ / uLizo akamthandi uZodwa uthanda uNamhla.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.3 Isiphumo sibe kukuba umtshato uye waphela√/uZodwa uye wagxothwa nguLizo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

11.4 Yimpixano yangaphandle√ phakathi kwabantu ababini kuba sibona uLizo exambulisana noZodwa Zazile ongumfazi wakhe.√ (2)

11.5 Likwinqanaba lokujiya kwezinto√ / lokuyondelelana kwezinto kuba iziganeko ziya zikhula ngokukhula.√ (2)

11.6 Isimo sentlalo sesasezilalini kuxambulisana indoda nomfazi kwaye kuthethwa nangamasimi / iselwa / amarhewu / iihagu.√√ / Kukweli xesha sele kukho umfutho waseNtshona kuba kuthethwa ngamaphephandaba.√√ / Akukho konwaba phakathi kukaLizo noZodwa ngenxa yokungabikho kothando.√√ (2)

11.7 Kukuya kuSidima amthandayo.√√ (2)

11.8 Waziwa ngokuthi uSilumko owayengumcuphi wathi mabahlangane emangcwabeni emva kophando awayelwenza waze uMaLimakhwe wabona umntwana wakhe onguNamhla apho.√√ (2)

11.9 Ligwatyu.√ (1)

11.10 Sesokuba khange kubekho sivumelwano phakathi kwamagqobhoka nooWelisile sokuya emangcwabeni√√ / Sesokuba kulele iinkonde zakowabo emangcwabeni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.11 USilumko ujolise umpu kwinkosikazi yakhe√ / Kukuba uSilumko abambe inkosikazi yakhe√ / Kukuba abambe izibham macala omabini ezandla zakhe√ / Ukuphathwa kwezibham enkonzweni.√

(Nasiphi na isibini) (2)

11.12 Ungumntu ongalindiyo onguphuma silwe.√√ (2)

11.13 Kukulamla nokufuna unobangela wempixano ephakathi kwabantu bomzi wakhe.√√ (2)

11.14 Zafezeka kuba kwavela oyena mbulali kaSidima ukuba nguLizo√√/Zafezeka kwavela ukuba uSidima noZodwa basaphila.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)
**[25]**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Kuyinene ukuba abalinganiswa abathile badlelelwe ekuxhamleni amalungelo abo. Oku kuthe kwaneziphumo ezibi kulo mdlalo.
- Ilungelo lokuba ngumnini-mhlaba abantsundu baliphuciwe ngamadlagusha ngondlela-mnyama kuba simva uMaqoma ekhathazwa kukuba kude kwabo namangcwaba ooyise kuba basuswa kuloo mihlaba ngenkani.
- USomerset wenza inquleqhu yokufuna ukususa uMaqoma kumhlaba akuwo. Le mihlaba ooFiliphu bebeyifumana ngokuthi bacelela ukwakha icawa, bafuna indawo yokubeka abantu abaguqukileyo.
- Oku kubiwa kwemihlaba nemfuyo kudale imfazwe, uMaqoma uyalela abavunduzi baye kulanda iinkomo ezibiwe ngamadlagusha ngobusuku batshabalalisa kuloo mzi babesiba kuwo. UMaqoma uyalela ukuba balwe xa behlaselwa.
- UMaqoma ulwela amalungelo akowabo xa esithi, 'uthi mandicimele na ndibe ngathi andiboni xa umhlaba wakowethu utyiwa ndihleli?' Uthi mandivale amehlo na xa amaphece eenkabi zakowethu esihla ngeentlambo?' Uthi mandibe kobentlombe na xa amasiko isithethe nesiNtu sakowethu sibhunyulwa kuthi? Nakanye ...'
- Kwakhutshwa umthetho yirhuluneli wokuphelisa amakhoboka. USomerset ube bukrikriza ngulo mthetho esithi ucinga iinzima abaza kuziva xa ekhululwe amakhoboka, ucinga nemisebenzi eyenziwa ngala makhoboka.
- UKondile yena ucela umhlaba wokwakha indlu yecawa nesikolo sokufunda nokubhala ibhayibhile.
- USomerset ujongela phantsi ulawulo lwabaMnyama xa engayiboni into yokuba uMaqoma achophele ityala lomBrithane. UFiliphu usingela phantsi inkcubeko yabaMnyama ngelithi yintlalo yokuzibhubhisa.
- Abafazi abaguqukileyo abafana nooMamCirha abasasili emizini yabo abaqabi naxa kusiyiwa emidudweni. Abefundisi into yokusila nokuqaba kwabafazi xa besiya emidudweni bayibona njengobuhedeni.
- Abafazi baguqulwa amagama banikwa awobuKrestu umz. Inkosikazi kabaw' uMNtlane enguNowayini uthiywe igama lokuba nguMary. Ukusingelwa phantsi kwenkcubeko yabaNtsundu ngabaMhlophe kubangele ukuba abafazi bangawahloniphi amadoda abo emizini yabo.
- URufus simbona efaka isimangalo kuSomerset esithi ubalekwe likhoboka lakhe uToli elimbele izinto ezininzi eberhweba ngazo waze wathi akumfumana wamtywatyusha ngokungena lusini nto leyo engamkelekanga ngokwamalungelo oluntu. Ungumrhwebi ongakhathalele nto yimbi ngaphandle kokuqhatha abantu abathengisele izinto ezimbi nezingenaxabiso, umz. Izinto ezikhazimlayo ezifana namacici, iibhengile nempahla enxitywayo.
- URufus usoloko ecingela isiqu sakhe kuphela ejonge inzuzo engenela yena. Into yonke uyithatha lula kuba simva esithi xa efile uBawana makuxelelwe zonke iinkosi ukuba mnye umntu onelungelo lokuphatha okwavunyiweyo sisizwe kwindawo yale nkosi nguQuka.
- UFiliphu uthi xa embuza uRufus ukuba uwahlawula malini ni na amadoda ebemsebenzela afumanise ukuba ebengawahlawuli koko ebewanika ukutya neempahla njengoko athi yayizizigqibo zabo ezo.

- Kulapho uFiliphu asuke wamxelela eziqhitsini ukuba makathi esiya kula madoda ebewasebenzisa abe selungise imali yawo yokuwahlawula ngazo zonke ezi ntsuku ebemsebenzela.
- Utsho esithi ukususela ngoku makawaxelele esiva naye ukuba uza kuwahlawula imali ethile yaye engafuni ngxoxo ngaloo nto. Ukudlelelwa kwabantu abaMnyama amalungelo kubangele ukuba kungabikho mvisiwano phakathi kwabantu abaMhlophe bodwa.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

13.1 BaseMthocwa kwaMntlane.√ (1)

13.2 Likwinqanaba lokutyhilwa kwezinto√/Lokusonjululwa kwezinto.√

Nayiphi na kwezi) (1)

13.3 Isimo sentlalo sesasezilalini lixesha apho inkcubeko yakwaNtu ingenelelwa yingqobhoko.√√ (2)

13.4 Isityhilela ukuba uMNtlane yindoda engafuni nokuyibona iVangeli.√√ (2)

13.5 Kungokuba wayebhujelwe ngoonyana bakhe ngendlela ebuhlungu kakhulu.√√/Kungokuba babezomvelela kuba wayeswelekelwe ngoonyana bakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.6 Yimbono ebonisa ukuba kule ngxaki akuyo nabo bakunye naye kuyo.√√ (2)

13.7 Kwabakho utshintsho kumakhaya amkela le vangeli abaselayo batsho bayeka.√ UQwathi uzekelisa ngoMNgxongo njengomnye wabantu abayeke ukusila.√ (2)

13.8 Sisiganeko sokusweleka kwenkosi uBawana ibulawa ngamaphakathi.√√ (2)

13.9 Inkosi uMaqoma wagweba ngelithi mabayekwe baye apho bathanda khona banikwe nemfuyo yabo kuba bona abangawo amaxelegu.√√ (2)

13.10 Wayeyinkosi yamaJingqi.√ (1)

13.11 Yimpixano yangaphandle√ kuba sibona ukungavisisani phakathi koMngxongo nesigqeba sakomkhulu.√ (2)

13.12 Yindoda ekwaziyo ukuthetha inyaniso njengoko injalo ingajonganga buso bamntu√√/Ngumntu onesibindi onokwenza nantoni na ukusindisa ubomi bakhe√√/Ungumntu woxolo kuba naku engafuni mpindezelo kuMngxongo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.13 Ngumntu nonyana wakhe.√ (1)

13.14 Kungokuba umhlaba woyisemkhulu wawutyebile engakwazi ke ngoko ukuwunikela kumanyangaza.√ Umhlaba wakokwabo wayewubona njengelifa labo engenakukwazi ukuwushiya.√ Babengazi kukwazi ukufulathela amangcwaba ooyise.√ (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA**

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), makisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini emide kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela kwiCANDELO ngalinye.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa Intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

*Imibuzo emide.*

7. Xa impendulo yombuzo omde imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo omde inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kummakishi ophezulu.

8. ***Sebenzisa iirubriki zokuhlola ezisisihlomelo A no B kuxwebhu lwezikhokelo zokuseta iimviwo ukumakisha imibuzo emide yabaviwa.***

   *Imibuzo emifutshane*.

9. Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

10. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Makisha impendulo exhasayo.

11. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makishwa impendulo exhasayo.

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**7 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo.<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe. | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle.<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe. | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo.<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko.<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko.<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**3 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile.<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala. | -Bukho ubungqina besakhiwo.<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo.<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | -Isakhiwo sife amanqe.<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga. |
| **AMANQAKU** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4-5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile. 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo. 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6-7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>-Unamathelwano nothungelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>-Imihlathi ineziphene. | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–18** | **10–13** | **6–8** | **0–4** |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.